

## Be a reading home! ★

Is your home a reading home? Are stories part of your family's daily life? Reading to your children helps them to discover the magic of books. When you read to your children, you teach them that books allow us to explore other people's lives and to go on adventures to different places without ever leaving our homes!

If your children only read at school and when they do homework, then they will learn to link reading with work and not with pleasure. We need to read

to our children, if we want them to learn that reading can be an enjoyable and entertaining activity. Knowing this is what inspires them to want to read – and then to read more and more. And, this is how they establish a satisfying lifelong relationship with books and reading. What's more, there are lots of research studies to show that the more children read at home, the better they do at school.

But reading to your children can't just happen once or twice. It needs to be one of the regular activities in your home. Here are three tips to help you make reading a part of your family's daily life.

☺ **Be a role model.** When your children see you reading on a regular basis, they learn that reading is important, without you ever having to actually tell them this! Talk to your children about what you are reading and encourage them to ask questions about it. Then talk to them about books that they enjoy.

☺ **If you want them to read, read to them.**

Decide on a time of day that you will sit with your children and enjoy a book together – and then, do this every day for at least 15 minutes! Spending quiet, relaxing times reading together, helps you connect with your children while you develop their language ability, vocabulary and reading skills at the same time.

☺ **Develop children's confidence.** Value your children's attempts to read, just like you valued their first spoken words! Give them lots of support to develop their confidence – that's half the battle with learning. Encourage them to read to you. Listen to their pretend reading. Let them try to read something that they choose – even if it is a little difficult for them. Unless they ask you for help, just enjoy listening to them read, without correcting them. When children behave like readers they become readers.

## Ikhaya lakho mayibe likhaya ekufundwayo kulo! ★

Ingaba ikhaya lakho likhaya ekufundwayo kulo? Ingaba amabali ayinxalenye yobomi bemihla ngemihla kusapho lwakho? Ukufundela abantwana bakho kubanceda ukuba bafumanise imimangaliso yeencwadi. Xa ufundela abantwana bakho, ubafundisa ukuba bazi ukuba iincwadi zisivumela ukuba siphonononge ubomi babanye abantu kwaye sithatha nohambo lwezehlo olonwabisaayo oluya kwiindawo ngeendawo ezohlukileyo singakhange siwashiyi amakhaya ethu!

Ukuba abantwana bakho baphelele ekufundeni esikolweni naxa besenza umsebenzi wesikolo ekhaya, baza kufunda ukunxulumanisa ukufunda nomsebenzi, bangakunxulumanisi nobumnandi. Kufuneka sibafunde abantwana bethu xa sifuna ukuba bafunde ukuba ukufunda kungasisenzo esimnandi sokuzonwabisa. Ukwazi oku yeyona nto ibavuselela ukuba bafunde ukufunda – ukuze bafunde ngakumbi nangakumbi. Kwaye, le ke yindlela abaseka ngayo ubudlelwane obanelisayo kunye neencwadi nokufunda kubomi babo bonke. Ukongeza koku, kukho uphando oluninzi olubonisa ukuba okona abantwana befunda ekhaya, kokukona beza kwenza ngcono esikolweni.

Kodwa ukufundela abantwana bakho asinto enokwenziwa nje kanye okanye kabini kuphela. Kufuneka ibe yenye yezinto ezenziwa rhoqo ekhayeni lakho. Nazi iingcebiso ezintathu ezinokukunceda ukuba wenze ukufunda kube yinxalenye yobomi bemihla ngemihla bosapho lwakho.

☺ **Kufuneka ube ngumzekelo.** Xa abantwana bakho bekubona ufunda rhoqo, bafunda ukuba ukufunda kubalulekile, ungakhange ude ube wena ubaxelele oko! Thetha nabantwana bakho malunga noko ukufundayo uze ubakhuthaze ukuba babuze imibuzo malunga nako. Emva koko ke ungancokola nabo malunga neencwadi abonwabela ukuzifunda.

☺ **Ukuba ufuna bafunde, bafunde.** Thatha isigqibo ngexesha oya kuhlala ngalo nabantwana bakho, nonwabele incwadi nikunye – nize nikwenze oko yonke imihla, kangangemizuzu eli-15 ubuncinane! Ukuchitha ixesha lenzolo nokuphumla, nifunda kunye, kunceda ukunenza umtya nethunga nabantwana bakho lo gama uphuhlisa, ngaxeshanye, ubugcisa bolwimi lwabo, isigama kunye nezakhono zabo zokufunda.

☺ **Phuhlisa ukuzithemba kwabantwana bakho.** Bonakalisa ukuzixabisa iinzame zabantwana bakho zokufunda, kanye ngale ndlela wawubonakalisa ngayo ukuwathakazelela amagama abo okuqala ababewakhupha ngemilomo yabo! Banike inkxaso kangangoko ukuze kuphuhle ukuzithemba kwabo – ukwenza oku kuthetha ukuba inxalenye yedabi lokufunda sele iphuyelelwe. Bakhuthaze ukuba bakufunde. Phulaphula xa besenza ngathi bayafunda. Bavumele ukuba bazame ukufunda ezo zinto bazikhethele zona – nokuba loo nto inzinyana kubo, bayeke babhude besiya. Musa ukubalungisa iziphene, ngaphandle kokuba bacele ukuba ubancede, yonwabela nje kuphela ukubamamela wena befunda. Xa abantwana beziphatha njengabafundi *babangabo* abafundi bokwenene.



We will be taking a break until the week of 23 October 2016. Join us then for more Nal'ibali reading magic!

Siza kukhe sithathe ikhefu kude kube yiveki yomhla wama-23 kweyeDwarha kowama-2016. Sijoyine ngelo xesha ukuze ufumane ubuncwane obuninzi bokufunda bakwaNal'ibali!



Drive your imagination

Story Power.  
Anywhere. Anytime. Anyone.  
Naphi na. Nanini na. Nabani na.



## Nal'ibali news

On 1 June 2016, Nal'ibali celebrated its fourth birthday and used this occasion to launch its FUNda Leader Campaign – a new campaign aimed at building a reading culture in South Africa – at the historic Homecoming Centre in District Six, Cape Town.

"We would like to encourage all South Africans to get stuck into this campaign and use stories and reading to help children reach their full potential. Every child deserves this opportunity, and the FUNda Leader Campaign is a simple way of giving it to them," said Jade Jacobsohn, Managing Director of Nal'ibali.

The FUNda Leader Campaign encourages ordinary South Africans to become literacy role models for children. The campaign wants us all to find ways to make storytelling and reading part of children's lives. We can do this by sharing stories and books with children in fun and meaningful ways, while making sure to include stories in the children's mother tongues.

At the special launch event on International Children's Day (1 June), Nal'ibali staff and guests were joined by four FUNda Leader ambassadors:

- ★ award-winning South African actress, Denise Newman
- ★ literacy activist and founder of the literacy NGO, Imbewu Yobomi, Mzwandile Lugogo
- ★ community activist, and founder and director of the community organisation, Township Roots, Bulelani Futshane
- ★ well-known illustrator and the artist behind *Madam and Eve*, Rico Schacherl, who has worked with us since 2012 to create the much-loved Nal'ibali characters.

The ambassadors shared some of their reading memories with the audience and also the reasons why they believe that reading has the power to change individual lives and society.

Next, a huge birthday cake with lit candles was brought in for Nal'ibali's Training Co-ordinator, Ntombizanele Mahobe, to blow out. Then it was time to sing happy birthday to Nal'ibali (in three languages!) before everyone got to experience some of the Nal'ibali reading-for-enjoyment activities that form part of what reading clubs do regularly.

It was a fun and inspiring way to celebrate our fourth birthday!

## Iindaba zakwaNal'ibali

Ngomhla woku-1 kweyeSilimela kowama-2016, uNal'ibali ubhiyozele ukugqiba iminyaka emine wasekwa waze wasebenzisa loo msitho ukusungula iphulo leFUNda Leader – iphulo elitsha elijoliswe ekwakheni isithethe sokufunda eMzantsi Afrika – oku kusenzeka kwiziko elinembali, iHomecoming Centre eDistrict Six, eKapa.

"Sikhuthaza bonke abemi boMzantsi Afrika ukuba banamathele ekuxhaseni eli phulo kwaye basebenzise amabali nokufunda ekuncedeni abantwana ukuze bafikelele kwawona manqanaba aphezulu obuchule bokufunda abanokukwazi ukufikelela kuwo. Wonke umntwana ufanele ukulifumana eli thuba, kwaye iphulo leFUNda Leader yindlela elula yokubanika elo thuba," utshilo uJade Jacobsohn, uMlawuli oPhetheyo kwaNal'ibali.

Iphulo leFUNda Leader likhuthaza umndilili wabemi boMzantsi Afrika ukuba babeyimizekelo yelitheresi ebantwaneni. Eli phulo lifuna ukuba sonke sifumane iindlela zokwenza ukubalisa amabali nokufunda kube yinxalenye yobomi babantwana bethu. Oku singakwenza ngokwabelana nabantwana ngamabali neencwadi ngeendlela apha ezonwabisa nezinika intsingiselo, lo gama siqinisekisa ukuba abantwana bayawafumana amabali angeelwimi zabo zeenkobe.

Kulo msitho ukhethekileyo wokusungula eli phulo nowawubanjwe ngoSuku lwaBantwana lweZizwe ngeZizwe (olwalungomhla woku-1 kweyeSilimela), abasebenzi bakwaNal'ibali kunye neendwendwe bajoyinwa ngabathunywa beFUNda Leader abane:

- ★ umdlali weqonga ophumelele iimbasa, uDenise Newman
- ★ itshantliziyo lelitheresi nomseki wombutho ongekho phantsi kolawulo lukarhulumente obizwa ngokuthi yi-Imbewu Yobomi, uMzwandile Lugogo
- ★ itshantliziyo loluntu, umseki nomlawuli wombutho woluntu obizwa ngokuba yiTownship Roots, uBulelani Futshane
- ★ umzobi owaziwayo negcisa elavelisa ikhomikhi ethi, *Madam and Eve*, uRico Schacherl, nosebenze nathi ukususela kowama-2012 ukudala iintandane zabalinganiswa bakwaNal'ibali.

Aba bathunywa babelana ngezinye iinkumbulo zabo zokufunda kunye nabaphulaphuli kwanezizathu zokuba kutheni bekholelwa ukuba ukufunda kunamandla okutshintsha ubomi bomntu kwakunye noboluntu ngokubanzi nje.

Emva koko, kwaziswa ikeyiki enkulu yokubhiyozela usuku lokuzalwa nenamakhandlela avuthayo ukuze acinywe ligosa loLungelelaniso loQeqesho lakwaNal'ibali, uNtombizanele Mahobe. Emva koko ke yaba lithuba lokucula ingoma yokubhiyozela isikhumbuzo sosuku lokuzalwa ethi min'emnandi kuwe Nal'ibali (ngeelwimi ezintathu!) ngaphambi kokuba wonke umntu abe nethuba lokuzivela ngokwakhe eminye yemisetenzana yokufundela-ukuzonwabisa yakwaNal'ibali neyinxalenye yemisetenzana eyenziwa rhoqo kwiiklabhu zokufunda.

Usuku lwethu lokugqiba iminyaka emine salubhiyozela ngendlela eyonwabisa yo nevuselelayo!



Drive your imagination



Nal'ibali's birthday cake.

Ikeyiki yokubhiyozela isikhumbuzo sosuku lokuzalwa kukaNa'ibali.



Some of the children with Neo at the FUNda Leader launch.

Abanye babantwana bekunye noNeo kumsitho wokusungula iFUNda Leader.



Some of the audience in their FUNda Leader T-shirts.

Abanye babaphulaphuli benxibe izikipa zabo zeFUNda Leader.

2015 Story Bosso winner, Athandiwe Sikade, entertained everyone with her storytelling talents.

Owaphumelela ukhuphiswano lweStory Bosso kowama-2015, u-Athandiwe Sikade, wonwabisa wonke umntu ngetalente yakhe yokubalisa amabali.

## Be a FUNda Leader

If you're ready to stand up and be a FUNda Leader, get in touch with Na'ibali right away! Simply join by signing up on the Na'ibali website: [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org). Or, contact us by email on [info@nalibali.org](mailto:info@nalibali.org), or by phoning us on **02 11 804080**.

Once you've signed up:

- 📖 Then, Na'ibali will give you the training and support you need to do simple things to grow literacy, and we'll proudly keep a record of all the great things you do!
- 📖 You'll be able to share your FUNda Leader experiences and photographs on Na'ibali's social media platforms so that everyone can see what you're doing.
- 📖 Through social media we'll connect you with other FUNda Leaders so that you can share ideas, work together or just grow your network of people who are as passionate about helping children develop a love of reading as you are.
- 📖 Active FUNda Leaders will get special offers and be able to enter competitions. They could also have the opportunity to attend the annual conference of the FUNda Leader network.



**FUNda**  
LEADER

## Yiba yiFUNda Leader

Ukuba ukulungele ukuba yiFUNda Leader, qhagamshelana noNa'ibali ngokukhawuleza! Zibandakanye nje lula ngokusayina, ujoyine kwivebhusayithi yeNa'ibali: [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org). Okanye, ungaqhagamshelana nathi nge-imeyili ku-[info@nalibali.org](mailto:info@nalibali.org), okanye usitsalele umnxeba ku-**02 11 804080**.

Xa sele usayinile:

- 📖 Emva koko ke, uNa'ibali uza kukunika uqeqesho nenkxaso oyidingayo ukuze wenze izinto ezilula zokukhulisa, uphuhlise iliitheresi, ze ke sigcine irekhodi lazo zonke izinto ezintle ozenzileyo!
- 📖 Uza kubanakho nokwabelana nabanye ngamava akho kunye neefoto zakho zeFUNda Leader kumajelo oluntu onxibelelwano kaNa'ibali ukuze wonke umntu akubone ukuba wenza ntoni na.
- 📖 Ngamajelo oluntu onxibelelwano siza kukunxibelelanisa nezinye iiFUNda Leader ukuze nabelane ngeengcebiso, nisebenzisane okanye nandise isixokelelwano sabantu abakuthanda kakhulu ukunceda abantwana ukuze baphuhlise uthando lwabo lokufunda njengawe.
- 📖 IiFUNda Leader ezisebenzayo ziza kufumana izinto ezikhethekileyo kwaye zibenakho nokungenela iintlobo ezahlukileyo zokhuphiswano. Kananjalo zingafumana nethuba lokuzimasa inkomfa yonyaka yesixokelelwano seFUNda Leader.




## Get story active!

Here are some ideas for using the two cut-out-and-keep books, *Helga's big splash*, (pages 5, 6, 7, 8, 11 and 12) and *Tam on top* (pages 9 and 10), as well as the Story Corner story, *A ghost in Granny's pyjamas* (page 14). Choose the ideas that best suit your children's ages and interests.

### Helga's big splash

This is a story about accepting yourself and knowing who you are. It is about a hippopotamus, Helga, who becomes unhappy when she tries to be what she thinks the other animals want her to be, instead of just being herself!



- ★ Let your children talk about what they know about hippos. Then read the information in the "Did you know?" box on this page together. Encourage them to find more information about hippos on the Internet or in books.
- ★ Discuss these questions with your children: Are hippos supposed to be thin? What else could Helga have said or done when Bartholomew called her fat? Do you think the other animals did the right thing when they agreed with him?
- ★ Invite the children at your reading club (or in your class) to do a television news report on what happens in the story. Divide the children into groups so that there is a news reader, a reporter (who interviews characters from the story), Helga, Bartholomew and a couple of the other animals in each group.

#### DID YOU KNOW?

- 📎 Hippopotamuses have short legs, a huge mouth and a body shaped like a barrel.
- 📎 Most hippos live for about 45 years.
- 📎 Hippopotamuses are land animals, but they spend a large amount of time in water, such as rivers, lakes and swamps. Resting in water helps keep a hippo's body temperature down. They even give birth in water.

### Tam on top

Tam's friends say she is too small to play soccer with them, but then they realise that small is good when they need her to reach their ball that is stuck on the roof!

Discuss these questions about the story with your children.

- ★ How do you think Tam felt when Sam and Zen said she couldn't play soccer with everyone?
- ★ If you had been one of Sam and Zeb's friends, what would you have said or done when they said this?
- ★ What else could Tam have said or done when they wanted her to climb up to fetch the ball? Why do you think she didn't say or do this?
- ★ What do you think Sam and Zeb might have learnt in this story?



### A ghost in Granny's pyjamas

- ★ In the story, Onke's dog, Puppy was dreaming. Encourage your children to draw a picture of Puppy fast asleep and then ask them to add a thought bubble with a picture in it to show what Puppy was dreaming about.
- ★ Suggest that you children write or tell their own scary stories about something that happens at night.



## Yenza ibali linike umdla!

Nazi ezinye zeengcebiso onokusebenzisa ngazo iincwadi ezimbini onokuzisika-ze-uzigcine, u-*Ukudyumpuza okutshizayo kukaHelga* (okwiphepha le-5, ele-6, ele-7, ele-8, ele-11 nele-12) kunye no-*UTam ungaphezulu* (okwiphepha le-9 nele-10), kwakunye nebali leNdawo yamaBali, u-*Isiporho esinxibe iipijama zikaMakhulu* (elikwiphepha le-15). Khetha ezona ngcingane zifanele ubudala nemidla yabantwana bakho.

### Ukudyumpuza okutshizayo kukaHelga

Eli libali elimalunga nokuzamkela kunye nokuzazi ukuba ungubani na. Libali elimalunga nemvubu, egama lingu-Helga, owathi akonwaba xa ezama ukuba yinto awayecinga ukuba ezinye izilwanyana zifuna ukuba abe yiyo, endaweni yokuba asuke abe nguye qha!

- ★ Vumela abantwana bakho bathethe malunga nabakwaziyo ngeemvubu. Emva koko ke fundani nonke ulwazi olukwibhokisi ethi, "Ubuzazi na?" ekweli phepha. Bakhuthaze ukuba bafune ulwazi olongezelelekileyo malunga neemvubu kwi-intanethi okanye ezincwadini.
- ★ Xoxani ngale mibuzo nabantwana bakho. Ingaba iimvubu kufuneka ukuba zibhitye? Ngewayetheni okanye ngewayenze ntoni u-Helga xa uBartholomew esithi utyebile? Ucinga ukuba ezinye izilwanyana zenza okulungileyo xa zazivumelana noBartholomew ngale nto?
- ★ Memama abantwana abakwikhlabhu yokufunda yakho (okanye abaseklasini yakho) ukuba benze ingxelo yeendaba zikamabonakude ngokwathi kwenzeka kweli bali. Bohlule abantwana ngokwamaqela ukuze kwiqela ngalinye kubekho ofunda iindaba, intatheli (umntu obamba udliwanondlebe kunye nabalinganiswa abasebalini), u-Helga, uBartholomew kunye nezinye nje izilwanyana ezikwiqela ngalinye.

#### UBUSAZI NA?

- 📎 Iimvubu zinemilenze emifutshane, umlomo omkhulu kunye nomzimba omile ngathi ngumphanda.
- 📎 Uninzi lweemvubu luphila iminyaka engama-45.
- 📎 Iimvubu zizilwanyana ezihlala emhlabeni, kodwa zichitha ixesha elininzi emanzini, njengasemilanjani, emaquleni nasemigxobhozweni. Ukuziphumza emanzini kunceda ekuthobeni ubushushu bomzimba wemvubu ukuze buhlale busezantsi. Kananjalo zikwazalela nalapho emanzini.

### UTam ungaphezulu

Abahlobo bakaTam bathi akanakho ukudlala nabo ibhola ekhatywayo kuba mncinane kakhulu, kodwa bahle baqonda kwakamsinyane ukuba kulungile ukuba mncinane kwakhe xa bedinga uncedo lwakhe ukuze bafikelele kwibhola yabo eyayibambeke phezulu kwendlu!

- ★ Xoxani ngale mibuzo malunga neli bali kunye nabantwana bakho.
- ★ Ucinga ukuba waziva njani uTam xa uSam noZeb besithi akanakho ukudlala nabo ibhola ekhatywayo?
- ★ Ukuba wawungomnye wabahlobo bakaSam noZeb, ngowawutheni okanye ngowawenze ntoni wena xa bethetha oku?
- ★ Ngewayetheni okanye ngewayenze ntoni uTam xa befuna ukuba ngoku akhwele phezulu, abothulele ibhola? Ucinga ukuba kutheni engazange akuthethe oko okanye akwenze?
- ★ Ucinga ukuba uSam noZeb bafunda ntoni kweli bali?

### Isiporho esinxibe iipijama zikaMakhulu

- ★ Kweli bali,inja ka-Onke, egama lingu-Puppy iyaphupha. Khuthaza abantwana bakho ukuba bazobe umfanekiso kaPuppy elele yoyi uze ubacele ukuba bafakelele iqamza leengcinga elinomfanekiso obonisa ukuba uPuppy wayephupha ngantoni na.
- ★ Cebisa ukuba abantwana bakho babhale okanye babalise awabo amabali oyikisayo malunga nento eyenzeka ebusuku.

### Create TWO cut-out-and-keep books

#### Tam on top

1. Tear off page 9 of this supplement.
2. Fold the sheet in half along the black dotted line.
3. Fold it in half again along the green dotted line to make the book.
4. Cut along the red dotted lines to separate the pages.

#### Helga's big splash

1. To make this book use pages 5, 6, 7, 8, 11 and 12.
2. Keep pages 7 and 8 inside the other pages.
3. Fold the sheets in half along the black dotted line.
4. Fold them in half again along the green dotted line to make the book.
5. Cut along the red dotted lines to separate the pages.



### Zenzele iincwadi EZIMBINI onokuzisika-ze-uzigcine

#### UTam ungaphezulu


1. Krazula, ukhuphe iphepha le-9 lolu hlelo.
2. Lisonge phakathi ulandela umgcana ongamachaphaza amnyama.
3. Phinda ulisonge phakathi kwakhona ulandela umgcana ongamachaphaza aluhlaza ukwenza incwadi.
4. Sika ke ngoku ulandela imigcama yamachaphaza abomvu ukohlula amaphepha.

#### Ukudyumpuza okutshizayo kukaHelga

1. Xa usenza le ncwadi sebenzisa iphepha le-5, ele-6, ele-7, ele-8, ele-11, nele-12.
2. Faka iphepha le-7 nele-8 ngaphakathi kwamanye amaphepha la.
3. Wasonge la maphepha phakathi kumgcana ongamachaphaza amnyama.
4. Phinda uwasonge phakathi kwakhona ulandela umgcana ongamachaphaza aluhlaza ukwenza incwadi.
5. Sika ke ngoku ulandela imigcama yamachaphaza abomvu ukohlula amaphepha.



Drive your imagination



She stayed at home and exercised on her new exercise machines. Wazivala ekhaya, eshukumisa umzimba ngokwenza imithambo kwabo matshini bakhe batsha.



inykuzolula, abambe inzwane zakhe.

and touch-your-toes.

imithambo yokunciphisa iingalo nemilenze

star-jumps



Wenza imithambo yokukhama isisu,

She did sit-ups,



# Helga's big splash

## Ukudyumpuza okutshizayo kukaHelga



Matthew Kalil  
Archie Collier

Visit Helga at her website:  
<http://helgasbigsplash.wix.com/helga>

Like her on Facebook.  
Follow her on Twitter.

AND...

Help the next book happen through our crowd fund:

**Walter Cleans Up**



[contact@matthewkalil.com](mailto:contact@matthewkalil.com) for any more information.

Buy an e-version of Helga at:  
<https://www.amazon.com/dp/B01D04DOPE>

A story about accepting yourself and the splash you make!



Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children's potential through storytelling and reading. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa nokuvuselela umdla ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



Ngosuku olulandelayo wavuka kwakusasa wabaleka, enkcunlka ngenjongo yokwenza imithambo.

Akukho namnye owayekhe wathi kuHelga UTYEBILE ngaphambili. Wayekhathazake kakhulu kangangokuba wakhasa, enyonyoba ukugoduka, wafika walala ngaphandle kokutya neso sidlo sangokuhlwa.



No one had ever called Helga FAT before. She was so upset that she crept straight home and went to sleep without any supper. The next day she woke up early and went for a jog.

Helga, the pink hippopotamus, lived happily on the banks of a river in Africa. Every morning, when she woke up, she waddled down to the waterhole where all the other animals were waiting.

UHelga, imvubu epinki, wayehlala ngokonwaba phantsi kweendonga zomlambo wase-Afrika. Rhoqo kusasa, ukuvuka kwakhe, wayebhadaza ukuhla esiya equleni apho zonke izilwanyana zazilinde khona.

ukubhitya nangakumbi ... wayesiba lusizi ngokuba lusizi, kwaba kungona afuna wakhangelaka esiba lusizi ngokuba lusizi. Kwaye xa ke njengokuba wayebhitya ngokubhitya uHelga, kakhulu ukutya, ngoko zizilwanyana ezikuthanda



Kodwa ke imvubu elinye jwi. yayiligqabi nje sangokuhlwa isidlo sakhe esasemini, kwaye okanye nesidlo sakusasa Wayengasaty! wanted to be ... she got, the thinner she sadder she got. And the sadder But hippos love food, so the thinner Helga got, the only had one leaf for supper. She didn't eat any breakfast or any lunch, and she



Ezinye izilwanyana zaxakwa kukuba mazithini na kuye. ke futhi!”

Ngaphanyazo loo mvubu ibhityileyo yaphendula ngomsindo, “Ewe, ndim nangoku. Yohlukanani nam

izilwanyana. “Unotshel’”

“Ingaba nguHelga lowa?” zasebeza zatsho ezinye ukungena emanzini, kungekho nokunjani ukudyumpuza.

yaze ngokuzolileyo yathi nybelele inyonyo ba ukuya ezantsi equleni,

ebhityileyo yachwechwa, Ngenye intasa, imvubu



know what to say.

The other animals did not

me alone!”

“Yes, it is me. Now leave

hippopotamus snapped,

Suddenly the thin-looking

can't be.”


“Is that Helga?” whispered the other animals. “It

without making a single splash.

One morning, a thin-looking hippopotamus crept down to the waterhole, and silently slid into the water,

From that day on, Helga ate healthily and exercised regularly and had a happy, hippo figure for the rest of her life.

Ukususela ngaloo mini, uHelga watya ngokusempilweni, washukumisa umzimba ngemithambo rhoqo kwaye wayenomzimba wemvubu eyonwabileyo ubomi bakhe bonke.



Zonke izilwanyana zavumelana naye noBartholomew.

emanzini.”

utsibela phezulu, udyumpuza

esityebe kakhulu ukuba ube

ngqo ngoku ukuba usisidulla

“Helga, hayi mandikuxelele

UBartholomew, imfene yathi,



All the other animals agreed.

about in the water.”

I have to say that you are far too fat to be jumping

Then Bartholomew, the baboon, said, “Helga,

ingaxolangwa kwaphela.

ngaloo mhemuayo,

yafutha rhona

UWalter, inxagu,



his snout.

snorting sound with

made an unhappy

Walter, the warhog,



UGemima, indulamthi, yatsala loo ntamo yayo inde imanzi tixi injalo, yamnyeuvulela uHelga. izilwanyana, zivathe iqaga. “He wena Helga!” zanzakama zonke



engena kuloo manzi abandayo. emoyeni waze wehla, *zophalakaxa-dyumpu*, simqandayo, uHelga wayesele etsibele phezu phambi kokuba kubekho nesilwanyana esi sinye konke ukuchatshazelwa yiloo kwankca. Kodwa kutshizwa ngamanzi – zazingakufuni konke- Ngenye intsasa ebandayo izilwanyana zazingafuni



Gemima, the giraffe, turned her long, soaking neck away from Helga. mean way. “Helga!” shouted the animals in a

*kersploooshh!*, in the water. Helga jumped into the air and landed. But before anyone could stop her, didn't want to get splashed at all. didn't want to be splashed – they One cold morning the animals

She'd jump into the air ...



Then Bartholomew said, “Helga, you are a hippo. We loved you the way you were, eating and splashing.” “You did?” asked Helga. “But you said I was fat.” “We didn't mean it,” said Gemima.

... and landed in the water. *Kersploooshh!*


“Helga!” cheered the animals as they smiled. But Helga's smile was the biggest of them all.

... waze wehla, *zophalakaxa-dyumpu*, wangena kuloo manzi!

“He wena Helga!” zakhwaza zikuthakazelela oko izilwanyana, zincumile. Kodwa olukaHelga lona uncumo yayilolona lubanzi kunolwabo bonke.



The children tried to get the ball, but they couldn't reach it.  
 Abantwana bazama ukuyothula ibhola, kodwa babengafikeleli kuyo.




Then the ball got stuck. Oh no!  
 Kusenjalo yabambeka phezu kwendlu ibhola yabo. Owu nkosi yami!

CAMBRIDGE

# Tam on top UTam ungaphezulu

Kerry Saadien-Raad  
 Jesse Breytenbach



*Tam on top* is from the Rainbow Reading series by Cambridge University Press. Rainbow Reading is a graded series for primary schools. It provides a wealth of original stories and factual texts, which will help learners to develop the reading skills and vocabulary they need to meet the requirements of the curriculum – in all learning areas. Rainbow Reading consists of 350 titles which are grouped by level and theme. For further information, visit [www.cup.co.za](http://www.cup.co.za)

This version of *Tam on top* has been specially adapted for use in the Nal'ibali Supplement.



Cambridge University Press  
 P O Box 50017, V&A Waterfront, 8002  
 Tel 021-4127800 | Fax 021 4198418  
 Email [info@cup.co.za](mailto:info@cup.co.za)

 **CAMBRIDGE**  
 UNIVERSITY PRESS  
[www.cup.co.za](http://www.cup.co.za)

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children's potential through storytelling and reading. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)




UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa nokuvuselela umdla ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)




“Awunakho ukudlala wena, Tam,” kwatsho uSam.  
 “Umcinane kakhulu ukuba ungdalala nathi,” kwatsho uZeb.  
 UTam waziva edakumbile.

“You can’t play, Tam,” said Sam.  
 “You’re too small,” said Zeb.  
 Tam felt sad.




“Masixhome uTam ngaphenzulu.”

“Let’s put Tam on top.”



Sam and Zeb had a new ball. They wanted to play soccer. Their friends wanted to play too! Stef and Megan came. Then Dan and Zondi came. And Tam came too.




USam noZeb babenebhola entsha. Babefuna ukudlala ibhola ekhatywayo. Abahlobo babo babefuna ukudlala nabo! Kweza uStef kunye noMegan. Emva koko kwafika uDan kunye noZondi beze kudlala. Kanti noTam weza naye.

“You be the ref, Tam,” said Sam.

“Let’s play!” shouted Tam.

“Yiba ngusompempe, Tam,” kwatsho uSam.

“Masidlale!” kwakhwaza uTam.





UBartholomew wasuka wathi, "Helga, uyimvubu. Besikuthanda kanye ngoluya hobo ubululo, usitya kwaye ugxumpuza emanzi, usitshiza."  
 "Nyani?" wabuza uHelga. "Kodwa nathi ndityebile nje?"  
 "Sasingatsho nyhani, sasikughula nje," kwatsho uGemima.

"He wena Helga!" zonke ezinye izilwanyana zazikhwaza zitsho xa zitshizwa ngaloo manzi. Ukudiyumpuza kukaHelga okutshizayo kwakuzigcina zipholile zonke izilwanyana kuloo ngatsini yelanga elishushu lase-Afrika.




"Helga!" all the other animals would shout as they got splashed. Helga's big splash kept everyone cool under the hot African sun.



Wayetsibela phezulu emoyeni ...



... aze ehle, *zophalaka-a-dympu*,  
engena kuloo manzi.



... and land, *kersploosbbb*,  
in the water.


“Khawuncede utye, nokuba utye ntoni na?” kwacenga uWalter. “Sifuna WENA ube ngulowaa simaziyo.” Ngaphandle kokubazisa, zonke izilwanyana zalungisa ingobozi enezidlo zepikniki ukuze umhlobo wazo obhityileyo atye. UHelga watya, watya, wabhukuxa kwada kwadlula nelo xesha adla ngokulala ngalo.



“Please eat something,” begged Walter. “We want YOU back.” And without delay, they all prepared a picnic for their thin-looking friend. Helga ate and ate and ate until well past her bedtime.

The next morning, Helga, the pink hippopotamus, wandered down to the waterhole where all the other animals were waiting. She jumped high into the air ...

Ngentsasa elandelayo, uHelga, imvubu epinki, yathi chu ukuya equleni apho zonke izilwanyana zazilinde khona. Watsibela phezulu emoyeni ...





Do you have questions about your children's reading and writing development that you'd like help with? Nal'ibali will answer them for you! Go to the "Ask the Expert" section on our website, [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org), and send us your questions.

Here are a few of the questions that people have sent us – as well as our advice to them.

**My baby is six months old and since I came across your website, I've been inspired to read to him twice a day! I really love it that I have found an activity to do with my son that gives us both so much pleasure – and I know that it is benefitting him educationally too. I have bought one or two books for him, but I want to get some more. What should I be looking for in the books I buy for my son?**


Books with simple pictures or photographs of babies' faces usually work well for babies. Most babies also enjoy books that have songs and rhymes in them. Board books and cloth books can be chewed, pulled and patted without breaking them. They therefore work very well when you want to allow your baby to handle books on his own, like during nappy changes or when he is in his pram during a shopping trip. The nice thing about reading to babies is that repetition and routine makes them feel secure. So, you can read the same book over and over again in exactly the same place each day without boring your baby at all!

**What words should a Grade 6 child be able to read?**

Children's reading abilities differ quite a lot, so it's not really possible to say what words all Grade 6 children should be able to read. As long as your child understands what he/she is reading, enjoys reading and reads regularly, his/her reading will improve over time. Encourage your child by reading to him/her every day.

**How much time should I spend reading to my child?**

Children are able to concentrate for different lengths of time depending on different things, like how old they are, how tired they are and how interested they are in the book you're reading to them. We encourage adults to read to children for at least fifteen minutes per day. With some children it might be better to break this up into three sessions of five minutes each. Other children may want you to keep reading to them for an hour! Only read to your children for as long as they are able to concentrate easily. By doing so, you avoid making reading a chore for them and they're more likely to look forward to your reading-together times.



Dear Nal'ibali...  
Nal'ibali endimthandayo...

Write to Nal'ibali at  
The Nal'ibali Trust, Suite 17-201,  
Building 17, Waverley Business Park,  
Wycroft Road, Mowbray, 7700, or  
at [info@nalibali.org](mailto:info@nalibali.org).

Bhalela kuNal'ibali  
ku-The Nal'ibali Trust, Suite 17-201,  
Building 17, Waverley Business Park,  
Wycroft Road, Mowbray, 7700, okanye  
ku-[info@nalibali.org](mailto:info@nalibali.org).

Ingaba unemibuzo malunga nokuphuhlisa ukufunda kunye nokubhala kubantwana bakho, nongathanda ukufumana iimpendulo zayo? UNal'ibali uza kukuphendula! Yiya kwicandelo elithi, "Ask the Expert" kwiwebhusayithi yethu, eku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org), uze usithumelele loo mibuzo yakho.

Nantsi eminye imibuzo embalwa abantu abathe basithumelela yona – kwakunye neengcebiso zethu kubo.

**Usana lwam luneenyanga ezintandathu kuphela ubudala kwaye okokoko ndathi ndabona le webhusayithi yenu, ndavuseleleka ukuba mandimfundele ubuncinane kabini ngemini! Ndiyithanda kakhulu into yokuba ndifumene umsetyenzana nomdlalwana endinokuwenza nonyana wam, nto leyo esonwabisa kakhulu xa sisobabini – kwaye ndiyazi ukuba oko kusekwayinzuzo kuye ngokwasemfundweni. Kukho incwadana enye nezimbini endimthengele zona, kodwa ndifuna ukufumana ezinye. Kufuneka ndikhangele ntoni ezincwadani endizithengela unyana wam?**

Iincwadi ezinemifanekiso elula okanye iifoto ezinobuso beentsana zidla ngokusebenza kakuhle kakhulu ezintsaneni. Iintsana ezininzi kananjalo ziyazonwabela iincwadi ezineengonyana kunye nezicengcelezo. Iincwadi ezenziwe ngekhadibhodi kunye nezenziwe ngelaphu zingahlafunwa, zitsalwe, zibethwe nokubethwa zingaze zikrazuke konke. Ngoko ke ezo ncwadi zilunge kakhulu xa unqwenela ukuba umntwana wakho azibambe ngokwakhe iincwadi, umzekelo, xa umtshintsha ilweyile okanye xa ehleli kwiprem yakhe omqhuba ngayo lo gama wena uthenga ezivenkileni. Eyona nto imnandi ngokufundela iintsana yeyokuba uphindaphindo nokuziqhelisa ukwenza okuthile rhoqo kuzenza ukuba zizive zikhuselekile. Ngoko ke, ungafunda incwadi enye uyiphindaphinde nokuba kukangaphi kwaye ulufundela kanye kuloo ndawo inye usuku nosuku, lube ke lona usana lwakho lungadikwa kwaphela yiyo!

**Ngawaphi amagama umntwana ofunda kwiBanga le-6 ekufanele akwazi ukuwafunda?**

Iindlela nezakhono zokufunda zabantwana zahluke kakhulu, ngoko ke asikwazi ukuwachana ncam amagama afanele kukufundwa nokwaziwa ngabo bonke abantwana abakwiBanga le-6. Ukuba nje umntwana wakho uyayiqonda into ayifundayo, uyakonwabela ukufunda kwaye ufunda rhoqo, ukufunda kwakhe kuza kuphucuka nokuhamba kwexesha. Khuthaza umntwana wakho ngokumfundela yonke imihla.

**Lingakanani ixesha ekufuneka ndilichithile ndifundela umntwana wam?**

Amaxesha abakwazi ngawo abantwana ukuzikisa iingqondo zabo kumsebenzi omnye awalingani, kuxhomekeke kwizinto ezininzi ezahlukileyo, ezifana nokuba badala kangakanani, badinwe okanye bahlaziyeye kangakanani kwaye umdla wabo ungakanani kuloo ncwadi ubafundela yona. Sikhuthaza abantu abadala ukuba babafundele abantwana babo ubuncinane imizuzu eli-15 ngemini. Kwabanye abantwana kungangcono ukulahlula eli xesha libe ziiseshoni ezintathu, ezibukhulu buyimizuzu emihlanu iseshoni nganye. Ukanti abanye abantwana abanangxaki yokufundelwa iyure yonke kungaphumlwa! Bafundele abantwana bakho kangangexesha abakwazi ngalo ukumilisela iingqondo zabo koko ukufundayo. Ngokwenza oko, unqanda ukuba ukufunda bangakuboni njengomsebenzi osisinyanzeliso kwaye ukuba abaziva benyanzelekile, bangawathakazelela kakhulu amaxesha okufunda kwenu kunye.

**NAL'IBALI ON RADIO!**

Enjoy listening to stories in isiXhosa and in English on Nal'ibali's radio show: Umhlobo Wenene FM on Monday to Wednesday at 9.30 a.m. SAfm on Monday, Wednesday and Friday at 1.50 p.m.



**UNAL'IBALI KUNOMATHOTHOLO!**


Yonwabela ukuphulaphula amabali ngesiXhosa nangesiNgesi kwinkqubo kanomathotholo yeNal'ibali: Ku-Umhlobo Wenene FM ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu kusasa ngo-9.30. Kwi-SAfm ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu emini ngo-1.50.

Drive your imagination



# A ghost in Granny's pyjamas

By Kai Tuomi ✨ Illustrations by Magriet Brink and Leo Daly



One dark night, Onke was fast asleep in his little bed, in his little room, in the house he shared with Mama, Papa, Granny, and his little pet dog called Puppy. Puppy was asleep on a red blanket at the foot of Onke's bed. She was snoring quietly and dreaming of catching squirrels in the park.

Suddenly Onke heard a loud noise and woke up with a fright. "What's that noise?" he said, shaking. He pulled the blanket over his head. "I hope it's not a monster or a scary ghost. I don't like ghosts."

**CRUNCH!** "There it is again," he said, trying to sound brave. "I have to find out what made that noise." So Onke picked up the green plastic torch he kept on his bedside table, and shone it around the room.

"Do you think a ghost made that noise?" Onke asked Puppy, who was still fast asleep and dreaming about chasing squirrels. Onke patted her head.

**HOO! HOO!** A new noise came from outside.

"Is that a ghost?" asked Onke, shining his torch through the window.



A big, fat brown thing, covered in feathers, with a yellow beak, sat on the branch outside. Onke laughed and said, "That's not a ghost. It's just a big owl sitting in the tree outside my room. But I wonder what made that crunching sound?"

**HOO! HOO!** The big owl spread its wings and flew off across the garden.

"Owls hunt for mice and rats at night, that's why people never get to see them. It's quite lucky to see an owl," said Onke. "Isn't that right, Puppy?"

But Puppy was still fast asleep, so Onke rubbed her furry little tummy and she snored and rolled over on her red blanket.

"Maybe I'm just being silly," thought Onke. But then he saw something dark and scary in a corner of the room. It looked like a big monster with vulture wings and lion's claws and long tusks like a warthog's.

"Is that a ghost?" he said, shining his torch into the corner of the room. Onke laughed when he saw what it really was. "That's not a ghost! It's just my dirty clothes, hanging on a chair. I should have put those away like Mama asked me to. Isn't that right, Puppy?" But Puppy was still fast asleep and was now drooling onto her red blanket.

"But what was that crunching noise I heard earlier?" said Onke. **CRUNCH!** He heard the noise again and shivered. "That must be a ghost," he thought, "and it sounds like it's floating around just outside my room."

Onke was trying to be very brave, even though his knees shook like jelly. He peeked out from behind his bedroom door, and looked into the dark passage.

But there was nothing there, just his parents' shoes next to the wall, and Puppy's water bowl on a little mat. Onke crept along the carpet in the passage, past his parents' bedroom, and peeked into the kitchen.

"It's a ghost!" he shouted, shining his torch onto a black shadow standing near the stove. The ghost wore blue pyjamas with fluffy sheep on them.

"Those are Granny's pyjamas," said Onke. "Why have you stolen Granny's pyjamas, Ghost?" Onke shone his torch up to look at the ghost's face. There was Granny!

"Onke," said Granny, her mouth hanging open in shock. "You gave me such a fright. I thought you were a ghost."

"I thought *you* were a ghost," Onke said, giggling. "What are you doing in the kitchen so late at night, Granny?"

"I couldn't sleep," said Granny, "so I came into the kitchen for a mug of warm milk and some biscuits. Do you want to have a midnight snack with me?" Onke smiled and nodded his head.

So he and Granny sat at the kitchen table chatting quietly as they dunked delicious crunchy butter-biscuits into mugs of warm milk. Then they made a toasted sandwich to share, with pickles, ham, cheese, tomato, and fresh green lettuce.



When they had finished eating and drinking, they brushed their teeth for the second time that evening. Then Onke said goodnight to Granny and went back to his bedroom. As he opened the door, Puppy jumped up and barked.

"Puppy," said Onke, patting her head, "it's only me, you silly dog. Did you think I was a ghost?"

Puppy licked his face and rolled over on her red blanket.

"I solved a mystery tonight. Did you know that, Puppy?" asked Onke. But Puppy had already curled up and closed her eyes.

"That looks like a good idea," said Onke. "Goodnight, Puppy."

"Goodnight," said a friendly ghost on the ceiling, who was just passing through the house looking for warm milk and biscuits to eat.

But Onke was already fast asleep.

Ngobunye ubusuku obumnyama thsu, u-Onke wayelele yoyi kwibhedana yakhe encinane, eyayikwigunjana lakhe, kwindlu awayehlala kuyo noMama, uPapa, uMakhulu, kunye nenjana esisilo-qabane sakhe uPuppy. UPuppy wayelele naye kwingutyana ebomvu emazantsi ebhedhi ka-Onke. Wayerhona ngokuzolileyo ephupha ngathi ubamba oonomatse epakini.

Ngephanyazo u-Onke weva ingxolokazi enkulu waze wothuka, esoyika. "Yingxolo yantoni ngoku leyo?" watsho engcangcazela. Wayitsala ingubo yakhe, wazigquma. "Ndiyathemba ukuba ayilogongqongqo okanye isiporho esoyikekayo eso. Andizithandi mna tu iziporho."

**KRWAM!** "Nantso kwakhona," watsho, ezama ukuzomeleza. "Kufuneka ndijonge ukuba yenziwa yintoni na loo ngxolo." Ngoko ke u-Onke wathatha itotshi yakhe eluhlaza neyenziwe ngeplastiki awayeyibeke etafileni eyayisecaleni kwebhedhi yakhe, waza wakhanyisa ngayo, ejikelezisa ilitha layo kwelo kunjana lakhe.

"Ucinga ukuba le ngxolo yenziwa sisiporho?" u-Onke ubuza uPuppy, owayesalele yoyi ephupha ngathi usukela oonomatse. U-Onke wambambazela entloko uPuppy.

**HUU! HUU!** Kwavakala ingxolo entsha ngoku isitsho ngaphandle.

"Ingaba sisiporho eso?" kwabuza u-Onke, ekhanyisa ngetotshi yakhe, eyijolise efestileni.



Wabona into enkulu, etyebileyo nebrawuni ngombala, eneentsiba nomlomo otyheli, neyayihleli kwisebe lomthi owawungaphandle. U-Onke wahleka waze wathi, "Ayisiporho esi. Sisikhova nje esikhulu, esihleli emthini ngaphandle kwegumbi lam. Kodwa kazi ukuba yintoni na le yenza le ngxolo ikrwamzayo?"

**HUU! HUU!** Isikhova esikhulu satweza amaphiko aso sabhabha, semka sinqumla esityeni.

"Izikhova zizingela iimpuku ebusuku, yiyo le nto abantu bengaziboni kwaphela izikhova emini. Lithamsanqa ukubona isikhova," watsho u-Onke. "Akunjalo na Puppy?"

Kodwa uPuppy wayesalele yoyi, ngoko ke u-Onke wamphulula kweso siswana sakhe sinoboya waze warhona nangakumbi uPuppy, eguquguquka kuloo ngutyana yakhe ibomvu.

"Mhlawumbi kukoyika nje," wazicingela njalo u-Onke. Kodwa wathi xa esagqiba kutsho, wabona into emnyama neyoyikekayo ekoneni yegumbi lakhe. Le nto yayikhangeleka njengegongqongqo elikhulu elineempiko zexhalanga kunye neenzipho zengonyama namabamba amade afana nawenxagu.

"Ingaba sisiporho eso?" watsho, ekhanyisa ngetotshi yakhe kuloo kona yegumbi. U-Onke waphela yintsini akubona ukuba yintoni na kanye-kanye leyo. "Ayisiporho esi! Zimpahla zam ezimdaka, ezijinga esitulweni. Bendifanele ukuba ndizisusile ezi mpahla nanjengoko umama ebendiyalele. Akunjalo na Puppy?" Kodwa uPuppy wayesalele yoyi kwaye ngoku wayevuza nezinkcwe, zivuzela kuloo ngubo yakhe ibomvu.

"Kodwa ibisisandi santoni bethu esiya sikrwamzelayo ne bendisive kuqala," kwatsho u-Onke. **KRWAM!** Waphinda wayiva loo ngxolo waze wangcangcazela wabanda. "Inokuba sisiporho ngenene ke eso," wazicingela njalo, "kwaye sivakala ngathi sibhabha apha ngaphandle kwegumbi lam."

U-Onke wazama ukuziqinisa, nangona amadolo akhe ayengevezela okwejele. Wakroba ezimele emva kocango lwegumbi lakhe, wajonga kuloo paseji imnyama.

Kodwa kwakungekho nto apho, izizihlangu nje zabazali bakhe ezazoyanyiswe ngodonga kuphela, kunye nesitya samanzi kaPuppy esasisemethini encinane. U-Onke wakhasa ekhaphethini eyayisepasejini, wadlula kwigumbi lokulala labazali bakhe, waze waya kukroba ekhitshini.

"Isiporho!" wakhwaza, ekhanyisa ngetotshi yakhe kwisithunzi esimnyama esasimi ngasesitovini. Isiporho sasinxibe iipijama ezizuba ezihonjisweyo nezazithiwe wambu ngoboya begusha.

"Ziipijama zikaMakhulu ezo," watsho u-Onke. "Uzibele ntoni iipijama zikaMakhulu, Siporhondini?" U-Onke wakhanyisa ngetotshi yakhe ukuze abone ubuso besiporho. Tyhini nguMakhulu!

"Onke," watsho uMakhulu, ethe ng'a umlomo kukothuka. "Indlela ondoyikise ngayo. Bendicinga ukuba usisiporho."

"Mna ke bendicinga ukuba *nguwe* isiporho," watsho u-Onke, egigitheka. "Wenza ntoni ekhitshini ebusuku kangaka, Makhulu?"

"Ndiphuthelwe," watsho uMakhulu, "ngoko ke ndeza apha ekhitshini ukuze ndifumane ubisi olushushu kunye nebhiskiti. Uyafuna ukufumana ishwamshwam lasezinzulwini zobusuku kunye nam?" U-Onke wancuma wanqwala.

Ngoko ke u-Onke kunye noMakhulu bahlala etafileni yasekhithshini bancokola ngokuzolileyo, bemana ukunkuxa iibhiskiti ezenziwe ngebhotolo ezikrwamzayo ezikomityini zabo zobisi olushushu. Emva koko benza isandweji eyojiweyo eneepikile, ihem, itshizi, itumato kunye nelethasi, baza bohlelana ngayo.



Ukugqiba kwabo ukutya nokuphunga, bahlamba amazinyo abo okwesibini ngobo busuku. Emva koko ke u-Onke wathi busuku benzolo kuMakhulu, wabuyela kwigumbi lakhe lokulala. Ukuvula kwakhe ucango, uPuppy waxhuma wakhonkotha.

"Puppy," watsho u-Onke, embambazela entloko, "ndim nje, njanana yam. Ingaba ucinga ukuba ndisisiporho?"

UPuppy wakhotha ubuso bakhe waze waziqengqela kwingutyana yakhe ebomvu.

"Ngokuhlwanje ndisombulule iqhina elinzima. Ingaba uyayazi loo nto, Puppy?" wabuza u-Onke.

Kodwa uPuppy wayesele ezisongile, ewavale mba amehlo akhe.

"Oko kukhangeleka njengelona cebo lakhayo," watsho u-Onke. "Busuku benzolo, Puppy."

"Busuku benzolo," kwatsho isiporho esinobubele esasisesilingini, nesasigqitha kwelo gumbi lakhe ukuya kukhangeleka ubisi olushushu kunye nebhiskiti ukuze sitye.

Kodwa u-Onke wayesele elele yoyi yena.

# Nal'ibali fun


Use the clues below to help you complete the crossword puzzle about Helga's big splash.

## DOWN

- The kind of animal Helga was

## ACROSS

- A wild animal with a long neck
- A wild animal with a snout
- The wild animal who told Helga that she was too fat
- Where the animals went to drink water
- What Helga made when she jumped into the water – A big \_\_\_\_\_



# Okokuzonwabisa kwakwaNal'ibali


Sebenzisa oonobonisela abalapha ngezantsi ukuze bakuncede ekuzaliseni le ndida yamagama emalunga nebali elithi, Ukudyumpuza okutshizayo kukaHelga.

## UKWEHLA

- Isilwanyana sasendle esineyona ntamo inde.

## UKUXWESA

- Isilwanyana sasendle esinemhemfu ngokungathi yihagu yasekhaya.
- Uhlobo lwesilwanyana asiso uHelga.
- \_\_\_\_\_ lelona lungu lomzimba lide kwindlulamthi.
- UHelga wayesithi zophalakaxa-dyumpu xa \_\_\_\_\_ emanzini.
- Isilwanyana sasendle esaxelela uHelga ukuba utyebe kakhulu.



Answers: 1. hippopotamus, 2. giraffe, 3. warthog, 4. baboon, 5. waterhole, 6. splash  
Impendulo: 1. indlulamthi, 2. inkxigu, 3. imvubu, 4. intamo, 5. emanzini, 6. imfene

World Gratitude Day is celebrated on 21 September. Read what some of the Nal'ibali characters say they are grateful for. Then write down what you are grateful for on strips of paper. Write one thing on each strip.


I am grateful ...

Ngomhla wama-21 kweyoMsintsi kubhiyozelwa uSuku loMbulelo lweHlabathi. Funda ukuba bathi banombulelo ngantoni na abanye babalinganiswa bakwaNal'ibali. Emva koko ke uze ubhale ukuba unombulelo ngantoni na wena kwimicu yamaphepha. Bhala into ibenye kumcu ngamnye wephepha.

Ndinombulelo ...



I am grateful for my dog, Noodle.  
Ndinombulelo ngenja yam, uNoodle.



I am grateful that I have a mom and dad who read to me.  
Ndinombulelo kuba ndinomama notata abandifundelayo.



I am grateful that I am good at making things.  
Ndinombulelo kuba ndilichule ekwenzeni izinto.

I am grateful for my friends.  
Ndinombulelo ngabahlobo bam.



Visit us on Facebook:  
[www.facebook.com/nalibaliSA](http://www.facebook.com/nalibaliSA)  
Sindwendwele kuFacebook:  
[www.facebook.com/nalibaliSA](http://www.facebook.com/nalibaliSA)

Don't forget that we will be taking a break until the week of 23 October 2016. Join us after the school holidays for more Nal'ibali reading magic! In the meantime, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi) to find stories and reading-for-enjoyment inspiration.

Ungalibali ukuba siza kukhe sithathe ikhefu kude kube yiveki yomhla wama-23 kweyeDwarha kowama-2016. Sijoyine kwakhona ukuvulwa kwezikolo ukuze ufumane ubugqi obungaphezulu bokufunda bakwaNal'ibali! Okwalo mzuzu, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi) ukuze ufumane amabali kunye novuselelo lokufundela-ukuzonwabisa.

Produced for Nal'ibali by the Project for the Study of Alternative Education in South Africa (PRAESA) and Times Media Education. Translation by Nobuntu Stengile. Nal'ibali character illustrations by Rico.